# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# ISIXEKO SASEKAPA UMGAQONKQUBO ONGENKXASO KWEZOSHISHINO

ISixeko saseKapa sinenjongo yokuhlaziya uMgaqonkqubo ongeNkxaso kwezoShishino. ISixeko siyayihlonipha indima ebalulekileyo yamaqumrhu ezoshishino asakhulayo, amancinane nasembindini ngobukhulu (MSMEs) apho azinjinga ekuqhutyweni ngokubandakanyayo kohlumo lezoqoqosho, ekudalweni kwengqesho nenguqulelo kwimihlaba engamabala. Eyona njongo iphambili yomgaqonkqubo kukuqhutywa kohlumo lezoqoqosho kwiSixeko saseKapa apho kuthi komelezwe uphuhliso lweeMSME nokufikeleleka kwimarike.

Inkqubo yakalokunje ijolise ekuhlaziyeni komgaqonkqubo osele usebenza ngokuthi kongezwe imimiselo nokususwa kwemiqobo engezolawulo ukuze komelezwe iiMSME. Inxal'enye yenkqubo le kukuba kunikwe uluntu ithuba lokuba benze iingxelonkcaza kwaye okanye bavakalise uluvo ngokujoliswe kuMgaqonkqubo ongeNkxaso kwezoShishino.

Ke ngoko kukhutshwa isaziso ngokwecandelo17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala sokuba iBhunga linikezela uluntu namaqela anomdla okanye imibutho ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso kwisithuba esiziintsuku ezingama30. Ixesho eliqhuba iintsuku ezingama30, liqalisa ngowe15 kweyeSilimela (Juni) kwaye liquke owe15 kweyeKhala (Julayi) 2026.

**Izimvo, izilungiso okanye izindululo ngokujoliswe kwisiphakamiso somgaqonkqubo zingangeniswa ngayo nayiphina kwezi ndlela zilandelayo:**

- Ngokuimeyilela kwa Business.Support@capetown.gov.za
- Ngokuthi kunikezelwe izimvo ezibhaliweyo kwiCandelo loLawulo loHlumo kwezoQoqosho (Economic Growth Directorate), 12th Floor, Civic Centre, 12 Hertzog Blvd, Foreshore, Cape Town, 8001
- http://www.capetown.gov.za/haveyoursay

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kuMasipala. Ngenxa yeso sizathu, amalungu alamaqela akhankanywe ngentla apha, angaqhagamshelana neYunithi yeNtathonxaxheba yeSixeko saseKapa. Ngokwentatho nxaxheba yoluntu ngokuphangaleleyo: nguMbuthokazi Kubashe kwa 021 400 9808 okanye kwa Mbuthokazi.Kubashe@capetown.gov.za ukuze ufumane uncedo olufaneleke kwabo bahlelekileyo

Imibuzo ngokumalunga noMgaqonkqubo oluyilo ongeNkxaso kwezoShishino ingajoliswa kwiCandelo loLawulo loHlumo kwezoQoqosho kumnxeba 021 417 4043 okanye uimeyilele kwa: Business.Support@capetown.gov.za.

**Nceda uqaphele ukuba uMgaqonkqubo oluyilo ongeNkxaso kwezoShishino uyakuthi ufumaneke ukuba uphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa: kwiiofisi zamabhungana nakwizakhiwo zamathala eencwadi eSixeko.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA119/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.